CELEBRATE THE BIRTH OF SOUTH AFRICAN WINE
2 FEBRUARY 1659

WINE HARVEST COMMEMORATIVE EVENT

#HappyBirthdaySAWine

Min’ eMnandi kwiWayini yaseMzantsi Afrika!

Phakamisa iglasi uze ujoyine imibhiyozo ye-SA Wine Harvest ngoFebhuwari 2023

Kulo Febhuwari uzayo, uMzantsi Afrika uza kube ubhiyozela owona msitho ubalulekileyo kwikhalenda yawo yezewayini: ukuhlonipha lo mhla wokuqalwa kweli shishini ngokubhiyozela isivuno sewayini yomdiliya waseMzantsi Afrika sama-364.

Ngomhla wesi-2 kuFebhuwari 1659, u-Jan van Riebeeck wabhala kwidayari yakhe ukuba, “Namhlanje, umkhulu uBawo, kwenziwe iwayini okokuqala ngeediliya ezivela eKoloni.” La mazwi angaphelelwayo aphawula isiqalo secandelo loshishino lwewayini eMzantsi Afrika – umnyadala osabhiyozelwayo ngalo mhla qho ngonyaka xa oosomashishini, abavelisi bewayini, abonwabeli bawayini, abangcamli bewayini, oosorestyu, abaqokeleli bewayini kunye nabathengisi bayo kwilizwe liphela, bebhiyozela ukuqala kwemibhiyozo yesivuno sewayini seli lizwe.

Icandelo loshishino lewayini laseMzantsi Afrika limema bonke abantu ukuba baphakamise iiglasi zabo ngomhla wesi-2 kuFebhuwari 2023 kunikwe iwonga ilifa lewayini laseMzantsi Afrika elityebileyo.

I-Wine Harvest Commemorative Event

I-Wine Harvest Commemorative Event yaminyaka le ibanjelwa eGroot Constantia Wine Estate eKapa ngowesi-2 kuFebhuwari, ngale nyanga zokuzalwa yeli candelo loshishino. Eli lixesha apho icandelo loshishino lewayini libalula abantu kunye neenkampani ngegalelo labo eligqwelisileyo kwiindidi ze-Visionary Leadership (nge-1659 Visionary Leadership Award), i-Growing Inclusivity, i-Wine Advancement, ne-Viticulture ne-Wine Creation.

Kule minyaka ingaphambili, baninzi abantu abaphambili abaye bafumana eli wonga, abafana no-Nelson Mandela, aBasebenzi beWayini aBangabalulwayo, uNtsiki Biyela, u-Norma Ratcliffe, u-Beyers Truter no-Charles Back. Kwaza ngo-2022, u-Carmen Stevens, u-Denise Stubbs, u-Francois Viljoen no-Christine Rudman bongezwa kweli qela leenkokheli eziphambili.

CELEBRATE THE BIRTH OF SOUTH AFRICAN WINE
2 FEBRUARY 1659

WINE HARVEST COMMEMORATIVE EVENT

#HappyBirthdaySAWine

Vuyisana nendalo yethu eyahlukileyo

Ukukhusela indalo eyahlukileyo eninzi yelizwe lethu yinto ebalulekileyo emntwini wonke. Abavelisi baseMzantsi Afrika abakhulu nabancinci, ukusukela kolu unxweme ukuya kuqabela kolunye, bayayazi kakuhle into yokuba bangabagcini balo mhlaba bavuna kuwo urhwebo labo.

Ubukumkani beentyatyambo zendalo baseMzantsi Afrika obahlukileyo nobuthandwa kakhulu bufanele ukubongwa, kuba i-95% yokukhuliswa kwewayini yenzeka kweli khaya likhethekileyo loBukumkani beeNtyatyambo zeKoloni. Ukulondoloza ukulinganiswa kwezinto phakathi kwendalo kunye nezolimo kubaluleke kakhulu kwaye kwenza uMzantsi Afrika wahluke xa kufikwa kwiiwayini eziphuma kweli nakwimimandla yokulima iwayini, engumthombo wobomi becandelo loshishino lewayini laseMzantsi Afrika kwaye kuchaza ngokucacileyo ubutyebi obumangalisayo beewayini zeli lizwe.

Lungiselela ukubhiyoza

Uzungaphoswa! Faka uLwesine umhla wesi-2 kuFebhuwari 2023 kwidayari yakho, ukhangele imibhiyozo yomhla wokuzalwa kwewayini yaseMzantsi Afrika kuMzantsi Afrika uphela, uze ujoyine le mibhiyozo yelifa lewayini elingapheliyo laseMzantsi Afrika ngayo yonke le nyanga!

Ukuze ujoyine lo mbhiyozo kwi-intanethi, landela ilinki ethi www.sawineharvest.co.za ngomhla wesi-2 kuFebhuwari 2023 uze uphakamise iglasi yakho ye– uvuyisane ne– iwayini yaseMzantsi Afrika!

Yabelana ngemibhiyozo yakho ekhethekileyo yoMhla wokuZalwa kweWayini yaseMzantsi Afrika kwisoshiyal midiya no-@sawineharvest usebenzisa i-hashtag ethi #HappyBirthdaySAwine.

ISIPHELO

Ikhutshwe yi-Wine Harvest Commemorative Event

CELEBRATE THE BIRTH OF SOUTH AFRICAN WINE
2 FEBRUARY 1659

WINE HARVEST COMMEMORATIVE EVENT

#HappyBirthdaySAWine

165 WORD SHORT SUMMARY:

Min’ eMnandi kwiWayini yaseMzantsi Afrika!

UFebhuwari 2023 uphawula isikhumbuzo seminyaka engama-364 secandelo loshishino lewayini laseMzantsi Afrika, njengoko ubhaliwe kwidayari ka-Jan van Riebeeck ngomhla wesi-2 kuFebhuwari 1659: “Namhlanje, umkhulu uBawo, kwenziwe iwayini okokuqala ngeediliya ezivela eKoloni.”

UMzantsi Afrika umema bonke abantu abanomoya ngewayini – ukusukela kubavelisi ukuya kwabo bayonwabelayo – ukuba baphakamise iiglasi zabo babhiyozele ilifa lewayini elityebileyo laseMzantsi Afrika.

I-Wine Harvest Commemorative Event
Ngomhla wesi-2 kuFebhuwari iGroot Constantia Wine Estate ibamba lo msitho ubakho qho ngonyaka, apho icandelo loshishino lewayini libalula abahlahleli-ndlela. Kule minyaka ingaphambili, baninzi abantu abaphambili abaye bafumana eli wonga, abafana no-Nelson Mandela, aBasebenzi beWayini aBangabalulwayo, kwaza ngo-2022, u-Carmen Stevens, u-Denise Stubbs, u-Francois Viljoen no-Christine Rudman bongezwa kweli qela leenkokheli eziphambili.

Faka kwiDayari uLwesine uMhla wesi-2 kuFebhuwari 2023
Khangela imisitho yomhla wokuzalwa wewayini yaseMzantsi Afrika kuMzantsi Afrika uphela!. Ukuze ujoyine le mibhiyozo kwi-intanethi, landela le linki ithi www.sawineharvest.co.za ngomhla wesi-2 kuFebhuwari 2023. Yabelena ngombhiyozo wakho no-@sawineharvest usebenzisa i-hashtag ethi #HappyBirthdaySAwine.

ISIPHELO
Ikhutshwe yi-Wine Harvest Commemorative Event

Post Sample:

CELEBRATE THE BIRTH OF SOUTH AFRICAN WINE
2 FEBRUARY 1659

WINE HARVEST COMMEMORATIVE EVENT

#HappyBirthdaySAWine

Lungela ukuphakamisa iglasi yakho uze ujoyine imibhiyozo kaFebhuwari 2023 ngomhla wokuzalwa wewayini yaseMzantsi Afrika. #HappyBirthdaySAwine #WineHarvestCommemorativeEvent

@sawineharvest

Images and Logo - Link for use:

https://www.dropbox.com/scl/fo/008wwukgtn9ivfgr0tmqn/h?dl=0&rlkey=op8oa0zlztuxfjqfbyvo09kk2

Ingaba unemibuzo, okanye ungathanda ukumisela udliwano-ndlebe? Nceda uqhagamshelane no-Carmen Lerm carmen@sawineharvest.co.za okanye umfowunele ngo-WhatsApp ku-082 825 5715.